**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nama-50 emizuzu |
| ICANDELO B: | Malunga nama-25 emizuzu |
| ICANDELO C: | Malunga nama-45 emizuzu |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Funda ISICATSHULWA A kunye NESICATSHULWA B wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

**NGENXA KANANDIPHA**

1 UDumezweni, umfana kaMbuso, wavuka ngonyezi emzini awayehlala kuwo eColosa, wee nyebelele wabetha ngezikaTshiwo kuloo ndlela iqatywe mnyama isinga edolophini eDutywa. Wayeqhutywa yintliziyo eyophayo, ephethwe ngumvandedwa kwaye ke akazange alale buthongo buhlayo kwezo ntsuku. Ingqondo yakhe yayixinene, imomene, ixikixwa ziingcinga ezaziyiqweqwedisela phesheya kwemilambo enamagama. Wayexhalabile ekhathazwa luvalo. Imbangi ludaba olwaluphalazwe ezindlebeni zakhe nguNandipha, isithandwa sakhe, elila ezimathonts' abanzi iinyembezi esithi uDumezweni umphathisile. Wayesel' evela kwagqirha uNandipha, ngokutsho kwakhe, kwafumaniseka ukuba senyanga-ntathu ekhulelwe.

2 Kwathi akuva olo daba umfana yagungqa yashenxa esihlalweni sayo intliziyo yakhe, ekhumbula amazwi angaginyekiyo kayise owakha wamtyityimbisela umnwe esithi mhla weva ukuba wenze umonakalo onjalo engatshatanga, uya kuze amnyathele esiswini amathumbu aphume ngomlomo, okanye amhlambe phakathi kwamasango omzi wakhe. Wayeyazi kakuhle engayithandabuzi inkohlakalo kayise uDumezweni kwaye ke kwakunokwenzeka ukuba akabhibhidli mazinyo kuloo mazwi alukhuni.

3 UDumezweni lo wayefunda kwibanga lesibhozo kwisikolo saseColosa noNandipha lowo wayekwakwelo banga. Kwakudlule iinyanga ezintandathu bethandana. Le nyanga wayemxelela ngayo uNandipha yayiyeyoMsintsi, sekumbovu kubhalwe iimviwo zokuphela konyaka. UDumezweni nangona wayencwase ukufunda ade ayokufikelela kwiYunivesithi yaseTranskei, azuze imithika yezidanga zemfundo enomsila, waziva enyanzelekile ukuba ayincame okwelo thuba, asabe ingqumbo kayise.

4 Wafika eDutywa xa kumpondo-zankomo, walindela uloliwe oya eRhawutini. Wayejonge ukusabela kuninalume owayephangela eJeppe, eRhawutini, ehlala eChiawelo. Wakhwela ngemali yokuthenga iincwadi zesikolo. Yathi ibetha imini emaqanda yemini elandelayo wabe ewela iGqili, uloliwe wanaba okwesongololo ukucanda loo mathafa aseFreyistathi, waya kumtyekeza ePark Station eRhawutini umfana kaMbuso ngenj' ixukuxa ngosuku lwesithathu endulukile eDutywa. Waqesha iteksi yaya kumbeka eChiawelo phambi kwendlu awayehlala kuyo uninalume.

5 Wadana wangathi uphuzwe yinja phakathi kwamanenekazi akubona abantu angabaziyo kuloo ndlu, bamxelela ukuba uninalume akasahlali apho, watshintshelwa eAlberton ngaseGermiston kwaye ngoku uhlala elokishini eThokoza apho afudukele khona. Wafa namthanyana kuba wayengayazi loo ndawo kuthiwa ukuyo. Wagqiba kwelokuba afune umsebenzi edolophini eRhawutini. Wazula-zula imini yonke, engena ephuma, ephuma engena kwimizi-mveliso lada latshona tshoce ilanga laloo mini engawufumani. Ingxaki ke ngoku kusakuhlwa yaba kukufumana indawo yokubeka amacala. Waya ehotele wazithengela imbodlela yotywala besilungu, waphuma eyigonile, eyiqinise ngokungathi iza kuhluthwa aphulukane nayo. Wabhadula wada waya kufika erenkini yeebhasi zaseSoweto. Wayeziva esemqheleni omnandi kuba phaya ehotele wakha warhabula kanobom kuloo ndyuwe wayeyiphethe. Wathenga itikiti, wakhwela esithi uya eSoweto. Wayelawulwa ngumqhele, engayazi naloo ndawo athi uya kuyo kwaye engazi mntu apho.

6 Kwathi xa kuphiphiphi, sewungcono nok' umqhele, wakhumbula ubugebenga baseSoweto awayekhe abaliselwe ngabo, wemisa, wehla esithubeni kuloo bhasi sekumnyama mpela ngoku. Wahamba ngeenyawo ithutyana, efuna indawo angalala kuyo, wathi vovololo, tywaa ecaleni kwendunduma. Waphinda waziqabula ngotywala wabufinca, ecima ezo ntsizi wayefikele kuzo. Kule ndawo wayengqengqe kuyo wayeqamele ngelitye elinomphezulu ongqukuva. Wawuvakala kamnandi umqhele, umbambazela emphefumlweni, wahlaziyeka, waziva enamathemba amatsha osuku olulandelayo. Kusenjalo walala yoyi.

7 Kwathi ezinzulwini zobusuku waphupha kugqutha umoya woqhwithela, imvula inetha amaxhegwazana. Kusenjalo, wohlo yadilika loo ndunduma phezu kwakhe. Wothuka waxhuma ekhuza. Tyhini! Liphupha. Oko kuxhuma nokukhuza kwakhe kothusa isilo esasilele kufuphi kuye. Naso senza owenkawu, sagqotsa sibhanxekile, kwavakala ukurhwashazela kwengca, kwathi tyolokobo, tyobo sityhobeka kwityholo elikufuphi. Oko kuvumbuluka kwaso ngesiquphe kwamothusa ngakumbi uDumezweni, lwathi merhe uvalo, izibilini zanyuka ngephanyazo zangathi ziza kuphuma ngomlomo. Abuzange buphinde buhle ubuthongo kuDumezweni emva koko kwada kwasa.

8 Ukuphuma kwelanga waphakama apho enengevane, wacothoza okonwabu esiya edolophini. Wabetha ngezikaTshiwo kwindlela emfutshane enqumla kwelaa tyholo sasingene kulo esaa silo sasivumbuluke ecaleni kwakhe ebusuku. Kwathi engekatyhutyha-tyhutyhi kakhulu wasibhaqa phambi kwakhe sidunduluze gangalala, itshoba lilele umbethe. Kwathi kanti yinkunzi yembabala. Wancuma emangalisiwe uDumezweni. Kwangoko wayiphakamisa loo nyamakazi wayityatha emagxeni wemka nayo. Wayexakiwe ukuba uza kuyihlinza ayiphekele phi na. Kwathi engakahambi thuba lide wadibana namadoda esebenza emgaqweni wezithuthi, walinga ukuyithengisa kuwo. Wakhwela emqolo phezu kweqhinga unyana kaMbuso, akatsho ukuba uyichole ifile koko wathi uyizingele wayibulala.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, INTSENGWANEKAZI ebhalwe nguLS, Ngcangatha amaphepha 37–39 saze sahlelwa]

**QAPHELA:** Phendula yonke imibuzo usebenzisa amazwi akho ngaphandle kokuba ucelwe ukuba ucaphule.
Kwiimpendulo ezifuna igama elinye bhala kuphela inombolo yombuzo negama elifunwayo.

1.1 **Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Wayehlala phi uDumezweni? (1)

1.1.2 Kuthetha ukuthini xa kusithiwa, 'wabetha ngezikaTshiwo'? (1)

1.1.3 Wayexhalatyiswe yintoni uDumezweni? (1)

1.2 **Jonga kumhlathi 2**

Uyise kaDumezweni wayeyindoda ekhohlakeleyo. Xhasa olu luvo. (2)

1.3 **Jonga kumhlathi 3**

1.3.1 Chonga ibinzana eliphuhlisa ukuba ixesha leemviwo laliselisondele. (1)

1.3.2 Njongo zini awayenazo uDumezweni ngekamva lakhe? (2)

1.4 **Jonga kumhlathi 4**

Xa kusithiwa 'ngenj' ixukuxa' kuthethwa ukuba kwakuxesha ni? (1)

1.5 **Jonga kumhlathi 5**

1.5.1 Wafikelela kwesiphi isigqibo uDumezweni akufika uninalume efudukile? (1)

1.5.2 Caphula into ebonakalisa ukuba wayewufuna nyhani umsebenzi. (1)

1.5.3 Xa kusithiwa wayeyigonile kuthethwa ukuba:

A Wayithi tshwa ekhwapheni.
B Wayeyibeke emqolo.
C Wayeyibeke entloko. (1)

1.6 **Jonga kumhlathi 6**

Sizathu sini esabangela ukuba uDumezweni ehle esithubeni kuloo bhasi engafikanga nakuloo Soweto? (1)

1.7 **Jonga kumhlathi 7**

1.7.1 Wavuswa yintoni kule ndawo wayelele kamnandi kuyo? (1)

1.7.2 Yintoni eyabangela ukuba angakwazi ukulala obuhlayo emva kokuba evukile? (1)

1.8 **Jonga kumhlathi 8**

1.8.1 Qhinga lini elasetyenziswa nguDumezweni ukuloba amadoda ukuba ayithenge inyamakazi? (1)

1.8.2 Ubuya kuthini wena ukuba ibinguwe okhulelise intombi usengumfundi? (2)

1.8.3 Mfundisoni oyifumeneyo ngokufunda esi sicatshulwa? (2)

**ISICATSHULWA B**



[Ithathwe kuvimba wabevi]

**QAPHELA:** Phendula yonke imibuzo usebenzisa amazwi akho ngaphandle kokuba ucelwe ukuba ucaphule.

1.9 Babonakala ingabantu abangakanani ngokobudala aba bakulo mfanekiso? (1)

1.10 Ucinga ukuba yintoni injongo yomfoti ngalo mfanekiso? (1)

1.11 Ngesivakalisi esinye bhala okuqhubeka kulo mfanekiso. (2)

1.12 Inokuba yayinjani imo yezulu ngale mini? (1)

1.13 Khankanya into enye enokubangela ukuba uthi asilo xesha lasikolo eli livezwe kulo mfanekiso? (1)

1.14 Xela izinto ezimbini ezisemfanekisweni nezibonisa ukuba abantu abakuwo baphila kwixesha langoku. (2)

1.15 ISICATSHULWA A sinxibelelana njani NESICATSHULWA B? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2: SHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA C esingezantsi. Kwesi sicatshulwa kuxoxwa ngendlela abantu abaphumeleleyo amabenze ngayo umahluko ebomini babanye abantu.

**QAPHELA:**

Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ngezivakalisi ezipheleleyo, ungadluli kumagama angama-70.
- Esi sicatshulwa singendima enokudlalwa ngabantu abaphumeleleyo ukuze kuphumelele nabanye abantu.
- Ungashwankathela ngeengongoma ezisi-7 OKANYE ngomhlathi. (7)
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

**ISICATSHULWA C**

**UNGOPHUMELELEYO OKANYE WENZA UMAHLUKO KUBOMI BABANYE?**

Umfundisi uGeorge uzama ukubonisa iindlela zokuba ngumntu ophumeleleyo nowenza umahluko kubomi babanye. Sisengabantwana sasiye sibuze kwaye siphuphe ngezinto esinqwenela ukuba zizo xa sesibadala. Ndikhumbula ukuba oontanga bam abaninzi babefuna ukuba ngoomongameli, oogqirha, amagqwetha, abalinganisi abadumileyo noosomashishini abaphumeleleyo. Kuqala ndandifuna ukuba ngusomajuku-juku ndaza ndafuna ukuba ngugqirha otyandayo, ndagqibela ngokufuna ukuba ngunjingalwazi. Kwakukho nexesha apho ndandifuna ukuya emkhosini. Leyo yayiminqweno yethu ekukhuleni kwethu ukuze sibe ngabaphumeleleyo.

Ekuhambeni kwexesha abazali bethu basithathela izigqibo ngezinto ekufuneka sibe zizo nendlela abayibona ngayo impumelelo. Kwabanye abantu yasebenza loo nto yokukhethelwa kodwa kwabaninzi ayibanga naziphumo zihle. Xa ndijonga emva ndiphawule ukuba leyo yayiyimpazamo enkulu yabazali. Impumelelo yakho ibonakalaliswa yindlela owenza ngayo izinto.

Injongo yeli nqaku kukunceda abantu bohlukane nokuleqa impumelelo kuba befuna udumo. Impumelelo mayingabutshintshi ubuntu bethu de silibale nemvelaphi yethu. Asinguye wonke umntu osebenza nzima oza kuba ngumlawuli, i-MD okanye usihlalo wenkampani. Ayisithi sonke esiza kuthandwa okanye sidume ngeendlela ezahlukileyo. Singabantu siyingqokelela yeziphiwo neetalente ezifihlakeleyo. Akukhathaliseki nokuba uphethe, usisikhulu sepolitiki, uyinkosikazi ehleli ekhaya, unendawo yakho ehlabathini eyeyakho kuphela.

Izidingo zobomi zifuna intsebenziswano nokusebenzelana kwamakhono ukuze ubomi bube yimpumelelo. Iimbaleki ziyaludinga uncedo lwabaqeqeshi, ii-arhente, abapapashi, abancedisi emakhaya, abaqhubi, oogqirha, amagqwetha nabanye abantu ngokwendima abayidlalayo. Yonke indima oyinikwayo lithuba lakho ukuba uzibonakalise. Ubomi nokuba buza nantoni yamkela ngezandla zozibini wenze kangangoko unako. Ubuncwane buza xa ulwamkele uxanduva onalo.

Kwenze injongo yakho ukwenza umahluko ngobomi bakho, makube yinjongo ephambili ukuba kubekho mntu uvuyayo ngokufika kwakho ebomini bakhe ngexesha ofike ngalo.

Awudingi meko ingcono ukuze ube ngumntu owenza umahluko, ungaqala kule ndawo ukuyo. Umzamo omncinane owenzayo ubalulekile. UMdali ufihla izinto ezinkulu kwezincinane. Fumana indlela yokuguqula konke okubi ebomini bakho wenze umahluko ebomini babantu. Ziindaba ezimnandi xa umntu ngamnye enza umahluko.

[Sicatshulwe kwimagazini *iBONA* Novemba 2011 iphepha le-114 saza sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

**QAPHELA:**

- Kwiimpendulo ezifuna igama elinye bhala kuphela inombolo yombuzo negama elifunwayo.
- Kwimibuzo ekukhethwa kuyo, bhala inombolo yombuzo kuphela kunye nonobumba A–C wempendulo echanekileyo.

Funda esi sibhengezo-ntengiso (ISICATSHULWA D) esingezantsi uze uphendule imibuzo ebuziweyo.

**ISICATSHULWA D**




[Sicatshulwe kwimagazini *iButho* iphepha lesi-2 sahlelwa]

3.1 Ucinga ukuba yintoni injongo yokusetyenziswa kwala manenekazi kwesi sibhengezo? (1)

3.2 Sijoliswe koluphi udidi lwabantu esi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.3 Nika isizathu sokuba abathengisi basebenzise iifonti ezahlukeneyo. (1)

3.4 Lusetyenziselwe ukuphuhlisa eyiphi injongo uphawu lombuzo kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.5 Nika umsebenzi ube mnye obhengezwe kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.6 Gqibezela eli qhalo lilandelayo.

Akukho nkanga ... (1)

3.7 Ingaba islogani esisetyenziswe ngabathengisi usibona sihambelana nesibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.8 Lisetyenziswe njani igama u 'zokuhlala'? (1)
**[10]**


**UMBUZO 4: KUCAZULULA IKHATHUNI**

**QAPHELA:**

- Kwiimpendulo ezifuna igama elinye bhala kuphela inombolo yombuzo negama elifunwayo.
- Kwimibuzo ekukhethwa kuyo, bhala inombolo yombuzo kuphela kunye nonobumba A–C wempendulo echanekileyo.

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Sicatshulwe kwimagazini *iBona* 2008 iphepha 111 yaza yahlelwa]

**QAPHELA:** Kule khathuni kukho abafana abane, uRasta, Stix, uShoti noChiskop.

4.1 **Jonga kwibhokisi 1**

4.1.1 Igama 'Majita' lisetyenziswa:

A Kumantombazana

B Kumakhwenkwe

C Kulutsha jikelele (1)

4.1.2 Bhala ngendlela echanekileyo igama 'kwezintsuku'. (1)

4.2 **Jonga kwibhokisi 2**

Xela umsebenzi wegama, 'Izolo'. (1)

4.3 **Jonga kwibhokisi 3**

Chonga igama libe linye elibolekwe esiNgesini. (1)

4.4 **Jonga kwibhokisi 4**

Ucinga ukuba uphuhlisa ntoni umnwe ophakanyiswe nguShoti? (2)

4.5 **Jonga kwibhokisi 5**

Mfundisoni enikwa uChiskop nguShoti ngamazinyo? (1)

4.6 **Jonga kwibhokisi 6**

Aaarrgghh ... ubonakalisa ntoni ngokwentetho kaShoti. (1)

4.7 **Jonga kwibhokisi 7**

Ububona bunjani ubudlelwane phakathi kukaShoti noChiskop? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: ULWIMI NEZAKHONO ZOKUHLELA

**QAPHELA:**

- Kwiimpendulo ezifuna igama elinye bhala kuphela inombolo yombuzo negama elifunwayo.
- Kwimibuzo ekukhethwa kuyo, bhala inombolo yombuzo kuphela kunye nonobumba A–C wempendulo echanekileyo.

Funda esi sicatshulwa singezantsi (ISICATSHULWA F) uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**AMAZWI ENKUTHAZO**

1 Zimbini kuphela iintsuku ezingasayi kuphinda zindihluphe ebomini bam. Usuku lokuqala lolwayizolo neempazamo, izoyikiso, iintsizi, imiqobo neenkathazo zalo. Olwayizolo lona usuku ludlule umphelo ndingenalo nolawulo lwalo. Nalo olu suku lunezalo izabatha, izoyikiso, iingozi neemfihlelo. Ingomso lona andinasabelo kulo kuba lusuku olungekafiki.

2 Ngoncedo loMdali imizamo yam ndiyicebela usuku ngalunye uNamhlanje, onke amandla am ndiwasebenzisele lona. Ndingaba ndizifaka kuxinzelelo nasebunzimeni obungummangaliso xa ndizikhathaza ngosuku oludlulileyo nolungekafiki. UNotshe! andiphindi kwakho ndizikhathaze ngezinye iintsuku. Olu lusuku lwam! Lulo qwaba usuku lwam! Namhlanje ndiza kuphila ngathi lusuku lwam lokugqibela emhlabeni.

3 Ndizimisele ukuphila ndiphathe kakuhle wonke umntu endihlangana naye, ngendlela nam endifuna ukuphathwa ngayo. Ulwimi lwam ndifuna ukuba nolawulo kulo, ndibe ngcathu ekuthetheni ndizame nokulawula iimvakalelo zam. Ndikwazimisele ukwabelana noluntu ngobushushu bothando, ndibulise ngoncumo nothando bonke endihlangana nabo endleleni yam. Ukuvelana nokukhathalela abahluphekileyo nabahlelekileyo sisabelo endizikhethele sona. Ubomi **bufutshane** kwaye buzele ziinzingo, yiyo loo nto ndinxanelwe ukwenza ubuntu.

[Ithathwe kuvimba wabevi]

5.1 Igama 'iintsuku' lisetyenziswe:

A Kwisinye.
B Kwisininzi.
C Kwisenzi. (1)

5.2 Sisetyenziswe njani isimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi?

Ingomso <u>lona</u> andinasabelo kulo ... (1)

5.3 Isenzi esibhalwe ngqindilili kweli binzana lilandelayo sikoluphi uhlobo nexesha?

Ngoncedo loMdali imizamo yam **ndiyicebela** usuku ngalunye ... (2)

5.4 Lungisa isiphene kwesi sivakalisi silandelayo.

UNotshe! andiphindi kwakho ndizikhathaze ngezinye iintsuku. (1)

5.5 Lenze msebenzi mni igama u 'emhlabeni' kwisivakalisi esingezantsi?

Namhlanje ndiza kuphila ngathi lusuku lwam lokugqibela emhlabeni. (1)

5.6 Xela indlela esisetyenziswe ngayo isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

<u>Ndi</u>zimisele ukuphila ndiphathe kakuhle wonke umntu endihlangana naye. (1)

5.7 Ludidi luni lwesibanjalo u 'bufutshane' osetyenziswe kweli binzana lilandelayo.

Ubomi bufutshane kwaye buzele ziinzingo ... (1)

5.8 Ngqamanisa igatya nodidi lonxulumano lwalo.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 5.8.1 Igatya eliyintloko | A ekupheleni kosuku. |
| 5.8.2 Igatya elibalulayo | B Indebe ilindele abo. |
| | C bawuthakazelelayo umsebenzi. |

(2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**